- (c) ngokucinywa kwengcaciso ethi “iKhowudi yeMithwalo eMikhulu”;
- (d) ngokuthi kufakelwe emva kwengcaciso ethi "iKhowudi yeBCH" kwezi ngcaciso zilandelayo:

“iyunithi yothutho lwemithwalo’ ithetha itanki yothutho ehamba endleleni okanye inqwelo ethuthayo, itanki ehamba kumzila kaloliwe okanye isikhoji semithwalo, ikhonteyina yemithwalo okanye itanki ephathekayo, okanye iMEGC;

“ISatifiketi sokuFaneleka’ sibhekisa kwiSatifiketi sokuFaneleka seHlabathi ekubhekiswa kuso kumqathango 4 leMithwalo yeKhareji leINF ekubhekiswa kulo kumhlathi 1.3.2 weKhowudi yeINF;

“isatifiketi sohlolo’ sibhekisa kwisatifiketi esikhutshwe ngokwemimiselo yomqathango 4(2)(b);

“ukwahlulahlula’ kubhekisa ekuqondeni ukuba ingaba imithwalo inobungozi na okanye ingangcolisa ulwandle ngeenjongo zothutho kwaye kungumnqweno, ngemethodi yolwahlulo, yokuba ingaba imithwalo inobungozi kusini na ngokwamabakala eeklasi ezisuka

kwiKhowudi yeIMDG 1 ukuya kwi9 ngokuhambelana nezona zinto zinobungozi kwimithwalo kwakunye nokongezwa kwemithwalo—

(a) edweliswe kwiKhowudi yeIMDG;

(b) nokungadwelisanga ngokukhethekileyo ngokweemfuno ezithile kwiiklasi ezisuka kwiKhowudi yeIMDG 1 ukuya kwi9; kwakunye

(c) nalapho kukhona nokuba yiyo nayiphi na ebangela urhano lokuba into ethile ingenza ungcoliseko kulwandle nanjengoko kucacisiwe yiKhowudi yeIMDG;

“‘inkampani’ ibhekisa kumnini wenqwelo yamanzi okanye kuwo nawuphi na umbutho okanye kumntu ofana nomphathi, okanye umbhexeki wesikhephe, nonoxanduva lokubhexesha inqwelo yamanzi ukusuka kumnini wenqwelo yamanzi kwaye xa ethatha elo xanduva uvumile ukuthatha yonke imisebenzi namaxanduva ayalelwe yiKhowudi yoLawulo loKhuselo lweHlabathi;

“‘igunyabantu elifanelekileyo’ libhekisa kwibhunga okanye iGunyabantu elibekiweyo okanye elibonwa njengokhala ngazo naziphi na iinjongo ngokumayelana nale Miqathango;

“‘umthwali’ ubhekisa ubhekisa kuye nabani na, kuwo nawuphi na umbutho okanye uRhulumente onoxanduva lokuhambisa umthwalo;

“‘umthwalo’ ubhekisa kuwo nawuphi na umthwalo, okanye umthwalo wezinto eziyingozi, omele umnini womthwalo;

“‘umnini womthwalo’ ubhekisa kuye nabani na, kuwo nawuphi na umbutho okanye uRhulumente obophe umthwalo oza kuhanjiswa;

“‘ikhonteyina’ ibhekisa kwikhonteyina naniengoko icacisiwe kwiNkomfa yeHlabathi ngoKhuseleko lweeKhonteyina;”; kwakunye

“ukungathobeli’ ngokumayelana nezindululo zale Miqathango,
kuquka ukusilela okanye ukwala ukuthobela ezi zindululo;”;

- (e) ngokucinywa kwengcaciso ethi "igama elichanekileyo";
- (f) ngokufakelwa kwengcaciso ethi "imithwalo eyingozi" kwingcaciso elandelayo:

“imithwalo eyingozi’ iquka—

- (a) imithwalo eyahlulwe yiKhowudi yeIMDG okanye lulo naluphi na upapasho lweIMO ekubhekiswa kulo kule **[miqathango]** Miqathango njengeyingozi kumakhareji ngolwandle, kwakunye nayo nayiphi na into okanye inxalenye yemithwalo engaba yingozi ukuba loo nto okanye loo mithwalo ithe yahanjiswa ngolwandle;
- (b) imigqomo engenanto kwakunye nentlenge kwiitanki ezingenanto okanye izigcini mithwalo ebezikhe zasetyenziswa ngaphambili ukuthwala imithwalo eyingozi, ngaphandle kokuba loo migqomo, ezo tanki ezingenanto okanye izigcini zemithwalo ziye zacocwa zaze zomiswa, zususwa irhasi okanye zaphephezelwa ngumoya, ngendlela efanelekileyo okanye, kwimeko zezixhobo ezinombane, ezicociweyo nezivalwe ngokufanelekileyo, kodwa zingaquki imithwalo eyinxalenye yezixhobo okanye izitolo zenqanawe nalapho zilayishiwe

[kodwa zingaquki imithwalo eyinxalenye yezixhobo okanye izitolo zenqanawe ezilayishiweyo]; kwakunye

(c) nezinto eziyingozi, nanjengoko zicacisiwe kwiNqaku II lweNkomfa yeHlabathi yokuThintelwa loNgcoliseko ziiNqanawe, ka1978;”;

- (g) ngokufakelwa emva kwengcaciso ethi "isibhengezo semithwalo eyingozi" kule

ngcaciso ilandelayo:

“uxwebhu oluvumela ukuthwala imithwalo eyingozi’ lubhekisa—

(a) kwinqwelo yamanzi yoMzantsi Afrika - uxwebhu oluvumelayo ekubhekiswa kulo kumqathango 4 lokuthwala imithwalo eyingozi; okanye

(b) inqwelo yamanzi yelinye ilizwe - uxwebhu oluvumelayo ekubhekiswa kulo kumqathango 19.4 weSahluko II-2 seNkomfa yoKhuseleko lokuthwala imithwalo eyingozi kwakunye "nesatifiketi sokufaneleka" sinentsingiselo ehambiselanayo;";

(h) ngokufakelwa emva kwengcaciso ethi "imakhi yenyameko" kule ngcaciso ilandelayo:

“iKhowudi ye-EGC’ ithetha ukuba ikhowudi yeenqanawe ezikhoyo ezithwele irhasi engamanzi ngeziqhu;"

(i) ngokuthi kufakelwe kwingcaciso ethi "ulwelo olungavutha" kule ngcaciso ilandelayo:

“ulwelo olungavutha’ lubhekisa kulwelo [kanye le ndawo enokulayitwa], okanye imixube yolwelo, okanye ulwelo olunezinto eziqinileyo kwisisombululo okanye ekujingeni nto leyo enika oko kungavutha ulophu olungaba ngu60°C okanye ngaphantsi [(kwikomityi evaliweto) xa kusiziwa kwimithwalo eziziqhu kwaye umalunga no61 °C okanye ngaphantsi (ikomityi evaliweyo) xa kusiziwa kwimithwalo eyingozi epakishiweyo] uvavanyo lwekomityi evaliweyo, luhambelana no65.6°C wovavanyo lwekomityi evuliweyo, nekudla ngokubhekiswa kuyo "njengendawo elayitayo" kwaye iquka—

(a) ulwelo olunikwa ezothutho ngamaqondo angqale ngqo okanye

angaphantsi nendawo yokuvutha; kunye

(b) nezinto ezihanjiswayo ezinikelwa kwezothutho ngamaqondo aphakamileyo kwimo yolwelo, nto leyo ekhupha ulophu olungavutha kumaqonda alinganayo okanye angaphantsi kwamaqondo aphezulu ezothutho.”;

(j) ngokufakelwa endaweni kwengcaciso "umamkeli" kule ngcaciso ilandelayo:

“‘umamkeli’ ubhekisa kumntu othi amkele imithwalo eyingozi [ezisiweyo] ebhengeziweyo okanye izingcolisi zolwandle ezibhengeziweyo saze safumaneka nesatifiketi sokupakishwa, kwakunye naye nabani na onoxanduva lokupakisha imithwalo kwiyunithi yemithwalo, ukuze zilindele ukusiwa [enqanaweni]kwinqwelo yamanzi okanye kwiarhente yayo.”;

(k) ngokufakelwa emva kwengcaciso ethi “ukuphathwa” kule ngcaciso ilandelayo:

“‘**inkcitho emandla kakhulu**’ ibhekisa “kulwelo oluyinkcitho” nanjengoko kucacisiwe kwiKhowudi yeINF.”;

(l) ngokuthi kufakelwe ingcaciso ethi “iKhowudi yeIBC” kule ngcaciso ilandelayo:

“‘iKhowudi yeIBC’ ibhekisa [**kwi-IMO International Code for the Construction and Equipment of Ships Carrying Dangerous Chemicals in Bulk**] kwiKhowudi yeHlabathi yolwakhiwo kwakunye nezixhobo zeenqanawe ezilayisha ngeziquhu iikhemikhali eziyingozi, nanjengoko kucacisiwe kwiSahluko VII umqathango 8.1 weNkomfa yoKhuseleko.”;

(m) ngokufakelwa emva kwengcaciso ethi “IMO” kule ngcaciso ilandelayo:

“‘iKhowudi yeIMSBC’ kubhekisa kwiKhowudi yeMithwalo eziziQhu eQinileyo yaseLwandle.”;

(n) ngokuthi kufakelwe emva kwengcaciso ethi “ngeziqhu” kwezi ngcaciso zilandelayo:

“isiganeko’ sibhekisa —

(a) kuwo nawuphi na umonakalo, ukusilela okanye ukwaphuka kwengqwelo yamanzi elayishe imithwalo eyingozi okanye—

(i) echaphazela ukhuseleko lwengqwelo yamanzi, oko kuquka ukutshayisana, ukumiswa, uqhambuko lomlilo, umonakalo kulwakhiwo, ukukhukuliseka okanye ukushukuma komthwalo; okanye

(ii) imiphumela yeempazamo zokhuseleko lomkhombandlela, oko kuquka ukusilela okanye okwaphuka kwegiye yesterinqi, intumekelelo yokuya phambili, inkqubo yokuphehla umbane okanye izixhobo ezingundoqo ekufumaneni umkhombandlela; okanye

(b) nayo nantoni na ethi yehle okanye onokwehla engabangela okanye enako ukwenza imithwalo eyingozi ukuba idibane nolwandle;

“umthwalo weINF’ ubhekisa kumafutha eirradiated nuclear, iplutonyam kwakunye namabakala aphezulu eenkcitho yophehlo enamandla aphezulu ezilayishwa njengomthwalo ngokuhambelana noKlasi 7 weKhowudi yeIMDG;

“iKhowudi yeINF’ ibhekisa kwiKhowudi yeHlabathi yoKhuseleko lwamaKhareyiji ePakishwe aMafutha elrradiated, iPlutonyam kwakunye naMabakala aPhezulu eNkcitho yoPhehlo enaMandla aPhezulu eziKhweliswe kwiiNqanawe;

“amafutha eirradiated nuclear’ abhekisa kwimathiriyeli ecaciswe kwiKhowudi yeINF:

“isingcolisi solwandle’ sibhekisa kwinto ebalulwe njengesingcolisi kwiKhowudi yeIMDG, okanye ulwelo oyingozi kwiKhowudi yeIBC, okanye nayo nayiphi na enye ikhowudi esebenzayo:

“MEGC’ umele ezininzi iqonga leRhasi ikhonteyina:

“umbhexeshi’ ngokumayelana nenqwelo yamanzi, uquka umnini, umqhubi, umphathi, okanye iarhente yenqwelo yamanzi;”;

(o) ngokufakelwa endaweni yaleyo ibikhona ingcaciso ethi "isiqhu" kule ngcaciso ilandelayo:

“isiqhu’ sibhekisa [kwinto epakishiweyo okanye into esisingxobo ecaciswe kwiKhowudi yeIMDG kwaye iquka iikhonteyina zokulayisha okanye itanki ephathekayo okanye inqwelo yetanki okanye enye inqwelo okanye ezinye iiyunithi zemithwalo ezihambisa imithwalo eyingozi] kwimveliso eggibeleleyo yokupakishwa, iquka izinto ezipakishiweyo kwaye ezo zinto zilungiselelwe uthutho, kwaye “zipakishwe” ngentsingiselo ehambelanayo;”;

(p) ngokuthi kufakelwe emva kwengcaciso ethi “isiqhu” kwezi ngcaciso zilandelayo:

“isiqhu’ sibhekisa kwisingxobo okanye kwizingxobo kunye nazo zonke iikhomponenti okanye iimathiriyeli eziyimfuneko ukuze izingxobo zenze umsebenzi wazo wobukhoyinteyina kwakunye neminye imisebenzi yokhuseleko;

“iplutoniya’ ibhekisa kwimathiriyeli nanjengoko icacisiwe

kwiKhowudi yeINF:

“iNkomfa yoKhuseleko’ ibhekisa kwiNkomfa yeHlabathi yoKhuseleko loBomi baseLwandle eyayiseLondon ngomhla woku1 kweyeNkanga 1974, imbalelwano yesiNgesi nebekelwe phambili kwiShedyuli yeSibini nanjengoko ilungisiwe ngaso nasiphi na isihlomelo esenziwe ngaphantsi kweNqaku VIII laloo Nkomfa nesele isebenza njengesinyanzeliso kwiRiphabliki kwaye, emva komhla nethi iProthokholi ka 1978 ngokumayelana neNkomfa yoKhuseleko ingena kwisinyanzeliso seRiphabliki, nanjengoko nayo iProthokholi ilungisiwe;”;

(q) ngokufakelwa endaweni yaleyo ibikhona ingcaciso ethi "umhambisi ngenqanawe" kule ngcaciso ilandelayo:

“umhambisi ngenqanawe’ [ubhekisa kumntu nokuba usebenza njengenqununu okanye iarhente yenye into, othi ahambise imithwalo eyingozi ngolwandle] ngenxa yale Miqathango, unentsingiselo efanayo neyomthumeli;”; kwaye

(r) ngokufakelwa emva kwengcaciso ethi "umhambisi ngenqanawe" kule ngcaciso ilandelayo:

“inqwelo yamanzi yoMzantsi Afrika’ ibhekisa kwinqwelo yamanzi enobumi baseMzantsi Afrika ngokwemimiselo yesolotya 3 loMthetho woBhaliso lweNqanawe, ka1998;”.

Ukufakelwa komqathango 2 kwiMiqathango

4. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 2

weMiqathango:

"Ukwenziwa

2. (1) Ngokuxhomekeka kwisolotya 235(4) loMthetho, le [miqathango]Miqathango isebenza kuzo zonke [iinqanawe]iinqwelo zamanzi ezilayishe imithwalo eyingozi ngeziqhu okanye ngeepakethi.

(2) Le Miqathango ayingeni ndawo kwimithwalo eyingozi eyinxalenye yezixhobo okanye izitolo eziyimfuneko kumkhombandlela, kukhuseleko okanye kulungiso lwenqwelo zamanzi okanye eziyimfuneko ngeentshukumo ezithile zenqwelo zamanzi.

(3) IMiqathango yoHanjiso lweMithwalo (ukuLayishwa kweMithwalo), ka2004, yiyo esebenzayo kwiinqwelo zamanzi nakwimithwalo eyingozi nalapho le miQathango ingena khona.

(4) Ngokuxhomekeka kumqathangwana (5), le Miqathango isebenza kuzo zonke iinqwelo zamanzi ezilayisha imithwalo yeINF, ize ke ngoko isebenze—

(a) kuyo nayiphi na inqwelo zamanzi yoMzantsi Afrika naphi na apho inqwelo zamanzi ingaba ikhona; kwaye

(b) nayo nayiphi na inqwelo zamanzi kwiRiphabliki okanye kumanzi angaphantsi kwayo.

(5) Le Miqathango ayingeni ndawo kwiinqwelo zamanzi ezibhexeshwa okanye ezingaphantsi kwabanye oorhulumente bamanye amaZwe nezisetyenziselwa ixeshana elithile, kubanjalo kuphela xa iinkonzo ezingezozorhwebelwano lwaseburhulumenteni kuye kwathatyathwa.

ngokuhambelana neSahluko VII somqathango 15.2 weNkomfa yoKhuseleko, ngokumayelana naloo nqwelo yamanzi injalo.”.

Ukufakelwa komqathango 3 kwiMiqathango

5. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 3 weMiqathango:

"Ukukhululwa

3. (1) AbasemaGunyeni banako, ngemibandela okanye ngaphandle kwemibandela, ukukhulula kuso nasiphi na isindululo sale **[miqathango]**Miqathango kwiiklasi zamatyala okanye kumatyala eziqu zabantu kwaye banako, ngokuxhomekeka ekunikweni **[kwevakalayo]** imbalelwano yesaziso, ukuhlomela okanye ukucima nako nakuphi na ukukhululwa okunjalo: Oko kuxhomekeka ekubeni ukukhululwa oko kuhambelana neKhowudi yeIMDG, iKhowudi yeIMSBC okanye neKhowudi yeINF.

(2) Ukukhululwa okanye uxolelo luxhomekeka kwezi zinto zilandelayo:

(a) Umnini wenqwelo yamanzi kumele aphaathe kwinqwelo yamanzi ikopi yoxolelo esenzela uhlobo; kwaye and

(b) athobele nawo nawuphi na umbandela obekwe liGunyabantu ngaphantsi kwale Miqathango.”.

Ukuhlonyelwa komqathango 4 weMiqathango

6. UMqathango 4 weMiqathango uthe ke ngoko wahlonyelwa—
 (a) ngokufakelwa komqathangwana (1) kule miqathangwana ilandelayo:

"Amaxwebhu ahambelana nemiqathango, uphononongo kwakunye nezatifiketi

4. (1) [Akukho mithwalo iyingozi]Imithwalo eyingozi angangakhweliswa [kwinqanawe eyakhiwe emva komhla wama31 kweyeThupha 1984]inqwelo yamanzi ngaphandle kokuba [inqanawe]inqwelo yamanzi ihamba namaxwebhu afanelekileyo okuthobela imiqathango okanye iSatifiketi sokuFaneleka, esikhutshwe liGunyabantu okanye ligunyabantu elifanelekileyo lelizwe apho [inqanawe]inqwelo yamanzi ibhaliswe kulo okanye, xa lungekho ubhaliso, ibe kulapho iflegi yayo ivumeleke ukubhabha khona, zibe ke izinto ezilayishiweyo zithobela izindululo [zomqathango II-2/41 okanye 54] ezimayelana neemfuno ezikhethekileyo zeinqwelo zamanzi ezilayishe imithwalo eyingozi kwiSahluko II-2 umqathango 19 weNkomfayoKhuseleko kwakunye nomhlathi 7.17 weKhowudi yeHigh Speed Craft, ka2000, nanjengoko ungena,

[weNkomfa yeSOLAS ka1974] kwaye nefaneleke kucazululo lwalo mithwalo ekujoliswe eligcinweni layo okanye kwezo ndawo.”;

(b) ngokufakelwa komqathangwana (2) kule miqathwangana ilandelayo:

“(2) (a) Rhoqo imithwalo eyingozi iza kulayishwa kumachweba eRiphabliki, umnini wenqanawe okanye umphathi wenqanawe kumele azise [igosa elifanelekileyo] iGunyabantu kwichweba lokulayisha ngeenjongo zakhe zokulayisha imithwalo eyingozi kwaye kumele alinike iikopi zezibhengezo ezimayelana nayo yonke imithwalo eyingozi ekumele ilayishwe kwakunye nekopi yoluhlu olukhethekileyo elucetywayo okanye isicwangciso sogcino esicacisayo ncakasana ukuba apha [kwinqanawe] kwinqwelo yamanzi ihleli ndawoni imithwalo eyingozi esele ilayishiwe, naleyo iseza kulayishwa.

(b) [igosa elifanelekileyo] iGunyabantu, emva kokunanzi uhlobo, umyinge nogcono olucetywayo lwemithwalo eyingozi, linako[, kodwa kwiimeko leziqhushumbisi kumele,] ukwenza [inqanawe] inqwelo yamanzi ukuba ihlolwe ngabaphicothi—

(i) ngaphambili kokulayisha ahlole imozulu—

(aa) [inqanawe] inqwelo yamanzi ixhobisekile kusini na kwaye kuzo zonke iinkalo ifanelekile na ukulayisha imithwalo enjalo;

(bb) ingaba ugcino olucetywayo luyahambelana na nale [miqathango] Miqathango; kwaye

(ii) ngexesha kulayishwa naxa sele kugqityiwe ukulayishwa kumele

liqingqe ukuba ingaba imithwalo iye yaphathwa yaze yagcinwa ngokuhambelanayo nale **[miqathango]**Miqathango kwaye nokuba ingaba onke amatiletile afanelekileyo okhuseleko ayathatyathwa okanye athatyathiwe ukuqinisekisa ukhuseleko **[lwenqanawe]**lwenqwelo yamanzi, abasebenzi kwakunye nabanye abantu abaza kube bekhwele,

kwaye, kuzo zombini ezi meko, umpicothi kumele, kwimeko yeziqhushumbisi, ukuba**[yena]** wanelisekile ngamalungiselelo, akhuphele umpicothi isatifiketi sohlolo.

(c) IGunyabantu linako, ngaphambili kokuhlohla ukuthi ikhonteyina mayihlolwe kuqala ngumpicothi ukuze aqingqe ukuba ingaba ikhonteyina iyahambelana na neKhowudi yeIMDG kwaye ukuba wanelisekile, akhuphe ingxelo yophononongo lwekhonteyina.

(d) IGunyabantu linako—

(i) ngaphambili kokuhlohla, lithi makuqalwe kuhlolwe ngumpicothi amaxwebhu ayimfuneko ngokwemimiselo yeKhowudi yeIMDG, aqingqe ukuba ingaba izinto ezingaphakathi kwiikhonteyina zahlulwe ngokukhuselekileyo kusini na ukulungelelana ugcino kwiikhonteyina ngokuhambelana neKhowudi yeIMDG, kwaye ukuba wanelisekile, akhuphe ingxelo yophononongo lwekhonteyina; kwaye

(ii) emva kokuhlohla, abangele oko kuqulathwe ziikhonteyina ukuba kuhlolwe ngumpicothi, aqingqe ukuba ingaba ugcino,

ulwahlulo, ubotshelero lwezinto ezikwikhonteyina luhambelana neemfuno zomhlathana (i) kwaye ukuba wanelisekile, akhuphe ingxelo yophononongo lwekhonteyina.”; and

(c) ngokufakelwa komqathangwana (3) kule miqathwangana ilandelayo:

“(3) Ukuba umnini wenqanawe [okanye],umphathi okanye umntu omele umnini wenqanawe okanye umphathi wenqanawe uthe wasililela ukuthobela lo mqathango [yena]umnini wenqanawe, umphathi wenqanawe okanye umntu omele umnini wenqanawe okanye umphathi wenqanawe unetyala lolwaphulo-mthetho.”.

Ukufakelwa kwemiqathango 4A, 4B kwakunye 4C kwiMiqathango

7. Le miqathango ilandelayo ithe yafakelwa kwiSigaba 1 semiQathango emva komqathango 4:

“Uphicotho nokhutsho lwesatifiketi

4A. (1) Ukuba, emva kokunanza ingxelo yomphicothi, iGunyabantu lanelisekile bubume, zizixhobo, imilinganiselo, ulungiselelo kwakunye nemathiriyeli yenqwelo yamanzi yoMzantsi Afrika ukuba iyahambelana neemfuno zeKhowudi yeIMDG, iKhowudi yeIMSBC okanye iKhowudi yeINF, iGunyabantu lingakhupha iSatifiketi sokuFaneleka, amaxwebhu okuthobela okanye isatifiketi sokuthobela esiqinisekisa ukuhambelana neKhowudi yeIMDG, neKhowudi yeIMSBC okanye

neKhowudi yeINF.

(2) Inqwelo yamanzi egximfiziweyo ngomqathangwana (1) kumele iphononongwe ngokuhambelana nezindululo zamasolotya 190(2), 192, 193 kwakunye 194 zoMthetho ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba ubume, izixhobo, ulmlinganiselo, ulungiselelo kwakunye nemathiriyeli iyahambelana neemfuno zeekhowudi ezikumqathangwanan (1).

(3) Isatifiketi okanye uxwebhu olukhutshwe ngaphantsi komqathangwana (1) luyaphelelwa—

(a) ukuba naluphi na uphononongo lwengwelo yamanzi olufunwa lisolotya 190(2) loMthetho alwenziwanga okanye uphononongo lubonisa ukuba inqwelo yamanzi ayithobelanga iimfuno zekhowudi efanelekileyo;

(b) xa siphelelwa, ngokuhambelana nesolotya 197 loMthetho, isatifiketi, senqwelo yamanzi; okanye

(c) xa kuthe kwacinywa, ngaphantsi kwesolotya 198 loMthetho isatifiketi, senqwelo yamanzi.

Ukucinywa kweSatifiketi sobuNako, uXwebhu oluHambelana neMiqathango okanye iSatifiketi sokuHambelana neMiqathango

4B. (1) IGunyabantu, ngokubhala isaziso, licima nasiphi na iSatifiketi sokuFaneleka, uxwebhu lokuthobela okanye isatifiketi sokuthobela esikhutshwe ngaphantsi kwale miqathango nalapho iGunyabantu likholelwa ukuba isatifiketi sakhutshwa ngeenkukacha zobuxoki okanye ezingafanelekanga.

(2) IGunyabantu linako ukucela ukuba nasiphi na iSatifiketi sokuFaneleka, uxwebhu lokuthobela okanye isatifiketi sokuthobela esikhutshwe ngaphantsi kwale Miqathango, esiphelelweyo okanye esicinyiweyo, ukuba sisiwe kwabasemaGunyaeni nanjengoko kuyalelwe.

(3) Akukho mntu uvumelekileyo ukuba—

- (a) afakele izinto kwiSatifiketi sokuFaneleka, kuxwebhu lokuthobela okanye kwisatifiketi sokuthobela;
- (b) ngokunxulumana nalo naluphi na uphononongo lwale miqathango, esazi okanye ngokungakhathali afake iinkcukacha ezibubuxoki okanye ezilahlekisayo;
- (c) ngeenjongo zokuqhatha, zokusebenzisa, zokuboleka okanye zokuvumela ukuba sisetyenziswe ngomnye umntu, iSatifiketi sokuFaneleka, uxwebhu lokuthobela okanye isatifiketi sokuthobela;
- (d) asilele ukukhupha iSatifiketi sokuFaneleka, uxwebhu lokuthobela okanye isatifiketi sokuthobela ekufuneka zikhutshiwe ngaphantsi komqathangwana (2); okanye
- (e) enze ngomgunyathi iSatifiketi sokuFaneleka, uxwebhu lokuthobela okanye isatifiketi sokuthobela.

Uhlolo nokupakishwa kweekhonteyina

4C. (1) Umphononongi unako, ngaphambili kokupakishwa, ukuhlola ikhonteyina ukuze aqinisekise ukuba imeko yekhonteyina, ukupakishwa kwakunye nokubotshelwa ngokufanelekileyo kwemithwalo eyingozi ngokuhambelana neKhowudi yeIMDG."

Ukuhlonyelwa komqathango 5 weMiqathango

8. UMqathango 5 weMiqathango uthe ke ngoko wahlonyelwa—

(a) ngokufakelwa komqathangwana (1) kule miqathangwana ilandelayo:

"Uxanduva lokuxela iziganeko eziquka [ukupakishwa] imithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle:

5. (1) (a) Xa kusenzeka isiganeko esimayelana [nenqanawe]nenqwelo yamanzi, isingcolisi samanzi okanye umthwalo weINF elwandle, umphathi [wenqanawe]wenqwelo yamanzi kumele, ngaphandle kokuphazisa amaseko, azise abasemagunyeni enika ezo nkukacha ezimayelana nesiganeko eziza kube zifunwa ngabasemaGunyeni. **[Ukuba igunyabantu elifanelekileyo alaziswanga umphathi unetyala lolwaphulo-mthetho.]**

(b) Igunyabantu elifanelekileyo—

(i) ngokumayelana [neenqanawe]wenqwelo zamanzi zaseMzantsi Afrika, elona gosa likufutshane lifanelekileyo kwaye, apho ilizwe lasemzini elikufutshane nasekunxwemeni apho isiganeko senzeke khona, urhulumente welo lizwe lasemzini; kwaye

(ii) ngokumayelana nayo nayiphi na [inqanawe]inqwelo yamanzi, lelona gosa lifanelekileyo likufutshane.

(c) Ukuba iGunyabantu alibalulwanga njengemfuneko kumqathangwana, umphathi unetyala lolwaphulo-

mthetho.";

(b) ngokufakelwa emva komqathangwana (1) kule miqathwangana ilandelayo:

"(1A) limfuno zokwenza ingxelo weSahluko VII somqathango 7-1 weNkomfa yoKhuseleko zizo eziza kusebenza ekulahlekene okanye kwinto engathi kukulahleka komthwalo weINF nakuso nasiphi na isiganeko esiquka ukhululwa okanye ukukhululwa okungenzeka kwemithwalo yeINF, nokuba sithini na isizathu soku kulahleka okanye oko kukhululwa, oko kuquka nesizathu sokuqinisekisa ukhuseleko lwenqwelo yamanzi okanye ukusindisa ubomi elwandle.

(1B) Ukuba isiganeko senzeka ngokumayelana nenqwelo yamanzi, umphathi wenqwelo yamanzi kumele, ngaphandle kokuphazisa amaseko, azise, ngokuhambelana nomqathangwana (1C)—

(a) apho iRiphabliki isesona Sizwe sikufutshane nonxweme apho isiganeko senzeke khona, iGunyabantu; okanye

(b) aph elinye ilizwe ililo elikufutshane neSizwe esiselunxwemeni esingakuloo ndawo, urhulumente weso Sizwe.

(1C) (a) Ulwaziso lwesiganeko ekubhekiswa kuso kumqathangwana (1B) kumele senziwe ngezona ndlela zonxibelelwano zikhawulezileyo.

(b) Ulwaziso leGunyabantu lungenziwa ngokuxelwa kwesiganeko kwiqosa eliphezulu okanye kumphononongi okhoyo kuyo nayiphi na iofisi yophononongo yeGunyabantu kwiRiphabliki.

(c) Ulwaziso kulo mqathango kumele luqulathe

ezi nkukacha zilandelayo:

(i) Igama lenqwelo yamanzi kwakunye nophawu ebizwa ngalo, ukuba inalo, kwakunye neflegi ebhaliswe ngayo;

(ii) umhla kwakunye nexesha lesiganeko;

(iii) isikhundla ibikuso inqwelo yamanzi ngexesha kusenzeka isiganeko kwakunye nangexesha lokwenziwa kwengxelo;

(iv) indlela kwakunye nesantya senqwelo yamanzi;

(v) ingaba inqwelo yamanzi yonzakele kwaye, ukuba kunjalo, buthini ubuzaza bonakalo;

(vi) uhlobo nobubanzi bokhululo;

(vii) ithini imo yezulu; kwaye

(viii) ithini isayizi kwakunye nohlobo lwenqwelo.

(1D) Umntu, ekubhekiswa kuye kumqathangwana (1B), wazise iGunyabantu okanye urhulumente ngesiganeko kumele, ukuba ifuniwe loo nto kuye liGunyabantu okanye loo Rhulumente, ngokuya kwaloo meko, ngesiganeko, kwaye ingxelo kumele yenziwe kuxwebhu olugunyaziswe liGunyabantu zingaphelanga iiyure ezingama24 emva kokufunwa kwezo nkukacha.

(1E) Akukho mntu uvumelekileyo ukuba, ngesaziso esifakwe kwiGunyabantu okanye kurhulumente ekubhekiswa kuye kumqathangwana (1B), okanye ngengxelo efakwe kwiGunyabantu okanye kurhulumente ngokumayelana nomqathangwana (1D), ngokungazi okanye ngokungakhathali enze ingxelo engeyonyani okanye engachanekanga ngokumayelana nombamba othile.";

(c) ngokufakelwa komqathangwana (2) kule miqathwangana ilandelayo:

“(2) Iza kuba kukuzithethelela okuvakalayo kwisigwebo esingaphantsi komqathangwana (1) xa umntu ebonisa ukuba **[yena]** ebengakwazi ukuthobela lo mqathangwana ngokumayelana nesiganeko ekubhekiswa kuso.”;

(d) ngokufakelwa komqathangwana (3) kule miqathwangana ilandelayo:

“(3) Apho—

(a) umphathi engakwazi ukuthobela lo mqathangwana (1) ngokumayelana nesiganeko; okanye

(b) isiganeko senzeke kwiimeko apho [inqanawe]inqwelo yamanzi ishiywe yodwa,

[umnini, umququzeleli, umphathi okanye umbhexeshi wenqanawe]inkampani okanye iarhente **[yomnini, yomququzeleli, yomphathi, okanye yombhexeshi wenqanawe]yenkampani kumele ithobele lo mqathangwana (1) ngokumayelana nesiganeko. [Ukuba lo mqathangwana awuthotyelwa umntu ngamnye kwabo bantu onetyala lolwaphulo-mthetho]**

(c) Ukuba lo mqathangwana awuthotyelwa, ngumntu ngamnye olindelekileyo ngokwalo mqathango ukuba awuthobele unetyala lolwaphulo-mthetho.”;

(e) ngokufakelwa komqathangwana (4) kule miqathwangana ilandelayo:

“(4) Iza kuba kukuzithethelela okufanelekileyo kwisigwebo esingaphantsi komqathangwana (3) ukuba umntu abonakalise—

(a) ukuba **[yena]umntu** lowo ebengazi nto ngesiganeko

ekubhekiswa kuso; okanye

(b) kwimeko apho isiganeko apho umqathangwana (3)(a) ungena khona, ukuba **[yena]umntu** lowo akazanga kwaye akarhananga nokurhana ukuba umphathi akawuthobelanga umqathangwana (1) ngokumayelana nesiganeko; kwaye

(f) ngokufakelwa komqathangwana (5) kule miqathangwana ilandelayo:

“(5) Ukuba ekunyanzelisweni kwalo mqathango umntu othe wanika ulwazi lokuba **[yena]umntu** lowo uyazi okanye bekumele ukuba uyazi aluyonyani okanye aluchanekanga **[ngokwemathiriyeli yena]umntu** lowo unetyala lolwaphulo-mthetho.”.

Ukufakelwa komqathango 6 kwiMiqathango

9. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 6 weMiqathango:

"Uxanduva oluthe gabalala lobunini, lomphathi okanye lomqashi [nomphathi]";

“6. (1) **[Wonke]Umnini wenqanawe [kunye], umphathi okanye umsebenzi [osenqanaweni kwakunye nomphathi wenqanawe]okwinqwelo yamanzi** kumele aqinisekise, kangangoko kunako ukwenzeka, ukuba **[xa]** imithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle [ezi] eziphethweyo, ezingaphakathi okanye ezilayishiweyo **[kwinqanawe]kwinqwelo yamanzi [kwi]ngendlela** apho **[ezo]ukuphathwa,ukuphathwa, ukufakwa kwakunye**

nokulayishwa kwemithwalo **[kuphathwe, kufakwe okanye kulayishwe ngokumandla]** okanye izingcolisi zolwandle azizukubeka esichengeni impilo okanye ukhuseleko lwakhe nabani na okanye okusingqongileyo.

(2) **[Ngaphandle kokusikela imida ubugabalala bo]**Uxanduva lomnini wenqanawe, **[okanye]** lomphathi wenqanawe ngaphantsi komqathangwana (1) uguka—

(a) **[imiba nalapho amaxanduva omnini wenqanawe [kwakunye], omphathi okanye awomsebenzi aquka, ngokukhethekileyo—**

(i) uziso kwakunye nonophelo **[lwenqanawe]** okwinqwelo yamanzi lolwakhiwo, ukulinganiswa kwakunye nezixhobo zokuphatha, ugcino kwakunye nokulayishwa kwemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle zenqwelo yamanzi, kangangoko kunokwenzeka, ukhuseleko ngaphandle komngcipheko wezempilo kwakunye nokhuseleko lwabantu kwakunye nokusingqongileyo; kwakunye

[(ii)] (b) noziso lweenkcukacha ezinjalo, umyalelo, uqeqesho kwakunye nokuba nomntu ojonga okwenziwa komsebenzi nanjengoko kunyanzelekile ukuqinisekisa, kangangoko kunako ukwenzeka, impilo kwakunye nokhuseleko lwabo bonke abasebenzi **[abakwinqanawe]**abakhwele kwinqwelo yamanzi ngokunxulumene nokuphathwa, nogcino kwakunye nokulayishwa kwemithwalo eyingozi **[kwinqanawe; kwaye]** okanye izingcolisi zolwandle ezikhweliswe

kwiqwelo yamanzi.

[(b) uxanduva lomphathi wenqanawe yasemzini luquka imiba ecaciswe kumhlathi (a)(i) kwakunye (ii).]

(3) Ukuba umnini wenqanawe **[okanye]**, umsebenzi okanye umphathi uyasilela ukuthobela lo mqathango **[yena]** umnini wenqanawe, umsebenzi okanye umphathi unetyala lolwaphulo-mthetho.

(4) Iza kuba kukuzithethelela okuvakalayo kwisigwebo esingaphantsi komqathango omayelana nokuphathwa kwemithwalo eyingozi ukubonisa ukuba ukuphathwa okunjalo kuye kwalayishwa ngokuhambelanayo **[nesongezo esitsha seBhunga leKhowudi lokuPhathwa kweMithwalo kumaChweba oMzantsi Afrika ekubhekiswa kuwo kwiSaziso sikaRhulumente No. 753 somhla wama26 kwekaCanzibe 1995]** nezindululo ezifanelekileyo zesinyanzeliso seKhowudi yeIMO esetyenziswayo okanye umthetho weRiphabliki."

Ukufakelwa komqathango 7 kwiMiqathango

10. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 7 weMiqathango:

"Uxanduva oluthe gabalala lomsebenzi **[kwinqanawe] kwiqwelo yamanzi";**

"7. (1) **[Wonke]** Umsebenzi **[okwinqanawe kumele]** okwiqwelo yamanzi uza—

(a) kuthatha inkathalo elindelekileyo ngokumayela nempilo yomsebenzi kwakunye nokhuseleko **[lwakhe]** kwakunye naye nabani na

[abantu]umntu onokuchaphazeleka zizenzo **[zakhe]**zomsebenzi lowo okanye izinto eziphumayo ngokumayelana nokuphathwa, ukugcinwa kwakunye nokulayishwa kwemithwalo eyingozi **[kwinqanawe]** kwinqwelo yamanzi; kwaye

- (b) xa kubhekiswa kulo naluphi na uxanduva okanye oko kulindeleke **[kumnini wenqanawe okanye kumqeshi wakhe]** kumqeshi womsebenzi okanye naye nabani na ngokoMthetho okanye ngokwemiqathango emayelana nempilo okanye ukhuseleko lwabantu **[abakwinqanawe]** abakwinqwelo yamanzi okanye abakuloo ndawo ingqongileyo, nalapho ibhekisa khona le miqathango, asebenzisane **[nomnini wenqanawe okanye]** nalo mqeshi okanye umntu ukuze olo xanduva okanye oko kulindelekileyo kukwazi ukwenzeka okanye ukuthotyelwa.**[kangangoko kunokunyanzeleka ukuze kukwazi ukwenziwa okanye ukuthotyelwa olo xanduva okanye oko kulindelekileyo ngokumayela nokuphathwa, ukugcinwa nokuphathwa kwemithwalo eyingozi kwinqanawe].**

(2) Ukuba umsebenzi **[okwinqanawe]** okwinqwelo yamanzi elayishe imithwalo eyingozi uyasilela ukuthobela lo mqathango **[yena]**umsebenzi unetyala lolwaphulo-mthetho."

Ukufakelwa komqathango 8 kwiMiqathango

11. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 8 weMiqathango:

"Ukuziphatha okubeka emngciphekweni [inqanawe] inqwelo yamanzi okanye abantu [abasenqanaweni] abakwinqwelo yamanzi",

8. (1) **[Akukho mntu unako]** Akuvumelekanga mntu ukuba, ngokumayelana nokuphathwa, nokugcinwa kwakunye nokulayishwa kwemithwalo **eyingozi [kwinqanawe]** kwinqwelo yamanzi, esazi okanye ngokungakhathali aphazamisane okanye asebenzise gwengxa nayo nantoni na enikiweyo okanye angathobeli imiyalelo ebekwe **[kwinqanawe yoMzantsi Afrika]** kwinqwelo yamanzi ngokumayelana nezempilo okanye ukhuseleko lwabantu okanye okungqongileyo le ndawo usebenza kuyo lo Mthetho.

(2) Ukuba umsebenzi **[okwinqanawe]** okwinqwelo yamanzi elayishe imithwalo eyingozi uyasilela ukuthobela lo mqathango **[yena]** umsebenzi unetyala lolwaphulo-mthetho."

Ukufakelwa komqathango 8A kwiMiqathango

12. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kwiSigaba 1 seMiqathango emva komqathango 8:

"Uqeqesho

8A. (1) Umthunyelelwa, umthumeli, umsebenzi wenqwelo yamanzi oselunxwemeni kwakunye nabameli babo abaphatha imithwalo eyingozi baza

kutyumba umntu oqeqeshwe ngokufanelekileyo, olingenwe luxanduva olumayelana nothutho lwemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle ngokuhambelana nekhowudi esebenzayo.

(2) Umthunyelelwa, umthumeli, umsebenzi wenqwelo yamanzi oselunxwemeni kwakunye nabameli babo abaphatha imithwalo eyingozi baza kuqinisekisa ukuba bonke abasebenzi beenqelwelo zamanzi abaselunxwemeni abayinxalenye yokuphatha kwakunye nothutho lwemithwalo eyingozi okanye izingcolisi nekumele zihanjiswe ngolwandle kumele baqeqeshwe ngokuhambelana nomongo wezindululo zomsebenzi omayelana nemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle, balingenwe ngamaxanduva aba.

(3) Abasebenzi beenqelwelo zamanzi abaselunxwemeni ekubhekiswa kubo kulo mqathango kumele baqeqeshwe ngokuhambelana nezindululo zesaHluko 1.3 zeKhowudi yeIMDG ngaphambili kokuthabatha amaxanduva abo.

(4) Iimfuno ziqeqesho kulo mqathango ngokukhethekileyo kukhuseleko lwemithwalo eyingozi kwiSahluko 1.4 seKhowudi yeIMDG kumele, ukongeza, zinikwe abasebenzi beenqelwelo zamanzi abaselunxwemeni.

(5) Uqeqesho olufunwayo kulo mqathango luza kumane luhlaziywa ngolunye uqeqesho rhoqo emva kweminyaka emine ngolukuzama ukulungelelana notshintsho lwemiqathango nezinto ezenziwayo."

Ukuhlonyelwa komqathango 9 weMiqathango

13. UMqathango 9 weMiqathango uthe ke ngoko wahlonyelwa—

(a) ngokufakelwa kwesihloko somqathango 9 kwesi sihloko silandelayo:

"Amaxwebhu afuneka abekhona kwinqwelo yamanzi";

(b) ngokufakelwa komqathangwana (1) kule miqathangwana ilandelayo:

“ (1) **[Akukho zipakethi]** Imithwalo eyingozi epakishiweyo okanye izingcolisi zolwandle zingangavunyelwa ukulayishwa okanye zithathwe [kwinqanawe] kwinqwelo yamanzi ngaphandle kokuba [i]imithwalo eyingozi [isibhengezo senziwe kumnini wenqanawe okanye kumphathi], inqwelo yamanzi kwakunye nekhareyiji lemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle kwinqwelo yamanzi zithobela iimfuno zeSahluko VII umqathango 4 weNkomfa yoKhuseleko.”;

(c) ngokufakelwa emva komqathangwana (1) kulo mqathangwana ulandelayo:

“(1A) Ukuba umnini wenqanawe, umphathi, umthumeli womthwalo, lo uthunyelelwa umthwalo okanye umntu omele umnini wenqanawe, umphathi, umthumeli womthwalo, okanye lo uthunyelelwa umthwalo uthe wasililela ukuthobela

umqathangwana (1), umnini wenqanawe,umphathi, umthumeli, umthunyelelwa okanye abameli babo banetyala lolwaphulo-mthetho.";

- (d) ngokucinywa kwemiqathangwana (2),(3), (4), (5) kunye (6);
- (e) ngokufakelwa komqathangwana (7) kule miqathangwana ilandelayo:

“(7) Ukuba umhambisi mithwalo ngolwandle okanye umdlulisi uyasilela ukukhupha isibhengezo esifunwa ngulo mqathango, okanye akhuphe isibhengezo **[yena] mhambisi okanye mdlulisi** azi kakuhle okanye ebekumele uyazi ukuba asiyonyani okanye asichanekanga **[ngeenkukacha ngokukhethekileyo, yena] umhambisi okanye umdlulisi** unetyala lolwaphulo-mthetho.”; kwaye

- (f) ngokufakelwa komqathangwana (8) kulo mqathangwana ulandelayo:

“(8) Ukuba umnini wenqanawe okanye umphathi wamkela ikhareji, uthatha okanye amkele imithwalo eyingozi epakishiweyo okanye izingcolisi zolwandle zesibhengezo esifunwa ngulo mqathango akazikhupha, **[yena]umnini wenqanawe okanye umphathi** unetyala lolwaphulo-mthetho.”.

Ukucinywa kwemiqathango 10 kwakunye 11 kwiMiqathango

14. Imiqathango 10 kwakunye 11 yemiQathango ithe ke ngoko yacinywa.

Ukufakelwa komqathango 12 kwiMiqathango

15. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 12

weMiqathango:

"Ukupakishwa Imithwalo, ugcino, ukulayishwa kwakunye nekhareyiji lekhoyinteyina

12. (1) (a) Ukupakishwa, ukumakishwa, ukuleyibhelishwa, ukugcinwa, kwakunye nokuphathwa kwemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle kunye nokuthuthwa kweyunthi yokuthutha imithwalo ethwele kwemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle kumele kuhambelane neKhowudi yeIMO yokuSebenza yeeYunithi zoThutho lweMithwalo ePakishiweyo, iKhowudi yeIMDG kwakunye noMthetho wokuHanjiswa kweMithwalo (iNkomfa yeeKhonteyina eziKhuselekileyo), ka2011 (uMthetho No. 10 ka2011).

(b) **[Okunjalo]**Ukupakishwa kumhlathi (a) kumele, ukuba kuthe kwafunwa yiKhowudi yeIMDG, kube kuvavanyiwe ukusebenza kwakho, nanjengoko kucacisiwe kwiKhowudi, kugximfiswe kwaye kumakishwe ngokuhambelana neSigaba 6 seKhowudi yeIMDG ligunyabantu eligunyazisiweyo.

(2) Imithwalo eyingozi epakishiweyo okanye izingcolisi zolwandle azonokuthathwa [kwinqanawe]kwinqwelo yamanzi ukuba zilayishiwe [kwinqanawe]kwinqwelo yamanzi ukuba umnini okanye umphathi uyazi okanye bekumele ukuba uyazi ukuba imithwalo okanye izingcolisi zolwandle azipakishwanga ngendlela ukuze uchasane nomngcipheko wekhareji elwandle.

(3) Ukuba umnini wenqanawe **[okanye]**, umphathi,

umthumeli womthwalo, lo uthunyelelwa umthwalo[okanye umhambisi ngenqanawe wemithwalo enjalo] uthe wasililela ukuthobela [lo mqathango] umqathangwana (1), umnini wenqanawe,umphathi okanye umthumeli womthwalo, lo uthunyelelwa umthwalo okanye umntu obameleyo unetyala lolwaphulo-mthetho."

Ukucinywa kwemiqathango 13, 14, 15 kwakunye ne 16 lwemiQathango

16. Imiqathango 13, 14, 15 kwakunye ne16 lwemiQathango ithe ke ngoko yacinywa.

Ukuhlonyelwa kwesihloko seSigaba 3 seMiqathango

17. Esi sihloko silandelayo sithe ke ngoko safakwa endaweni yesihloko esikwiSigaba 3 semiQathango:

"UKUPHATHWA KWEMITHWALO EYINGOZI OKANYE IZINTO EZINGCOLISA AMANZI NGEZIQHU

Ukufakelwa komqathango 17 weQathango

18. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 17 weMiqathango:

“Ukuphathwa ngeziqhu

17. (1) Imithwalo eyingozi okanye iziqhu ezingcolisa ulwandle akumelanga ziphathwe okanye zilayishiwe ngeziqhu kuyo nakweyiphi na **[inqanawe]** inqwelo yamanzi ukuba umnini wenqanawe, umphathi, umthumeli womthwalo, lo uthunyelelwa umthwalo, okanye umntu omele umnini wenqanawe, umphathi, umthumeli womthwalo, okanye lo uthunyelelwa umthwalo unezizathu zokukholelwa ukuba loo mithwalo okanye ezo zingcolisi zolwandle akumelanga ziphathwe okanye zilayishiwe ngeziqhu kuloo **[nqanawe]** inqwelo yamanzi.

(2) **[Ngaphandle kokusikela imida okuthe gabalala]** Ngokuxhomekeka kwizindululo zomqathandwana (1)—

(a) apho imithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle ekubhekiswa kuzo **[iyimithwalo]** edweliswe—

(i) kwiSahluko VI seKhowudi yeBCH[, **okanye kwi**];

(ii) kwiSahluko 17 seKhowudi yeIBC[, **okanye kwi**];

(iii) kwiSahluko XIX [iKhowudi yeKhareji leRhasi yeeNqanawe eziKhoyo] seKhowudi ye-EGC;

(iv) kwiSahluko XIX seKhowudi yeKhareji leRhasi[, **okanye kwi**];

(v) kwiSahluko 19 seKhowudi yeIGC[, **okanye kwahlulahluliweyo**];
okanye

(vi) kulwahlulwahlulwa lwemithwalo eyingozi edweliswe kwiSihlomelo [B] 1 [iKhowudi yeMithwalo eziziQhu,] seKhowudi yeIMSBC,

- [kumele iphathwe kwaye ilayishwe] amaxwebhu amayelana, ukuphathwa nokulayishwa kwemithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle kumele kuhambelane neemfuno zayo nayiphi na ikhowudi efanelekileyo; **[okanye]**
- (b) apho imithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle ekubhekiswa kuzo ziqulathe ikhemikhali eqinileyo, elulwelo okanye irhasi elulwelo engadweliswanga kwiikhowudi ezicaciswe kumhlathi (a), imithwalo eyingozi okanye izingcolisi zolwandle kumele ziphathwe okanye zilayishiwe ngokuhambelana nesigunyaziso esigunyaziswe ngabasemaGunyeni[.]; okanye
- (c) **[Nasiphi na]** Isigunyaziso esikumhlathi (b) kumele sibhalwe phantsi kwaye kumele sicacise umhla **[esiqalisa ngawo]** kwakunye nemibandela[(ukuba ikhona)] eza kuthi **[sona]** ibekwe kwisigunyazisi.

(3) Ukuba **[kukhona ulwaphulo lwesivumelwano]** umnini wenqanawe,umphathi,umthumeli womthwalo, lo uthunyelelwa umthwalo okanye umntu omele umnini wenqanawe,umphathi,umthumeli womthwalo, okanye lo uthunyelelwa umthwalo, ekufuneka athobele lo mqathango uthe wasililela ukuthobela lo mqathango umnini wenqanawe [kwakunye no] ,umphathi, umthumeli womthwalo, okanye lo uthunyelelwa umthwalo banetyala lolwaphulo-mthetho."

Ukucinywa kwemiqathango 18 kwakunye 19 kwiMiqathango

19. Imiqathango 18 kwakunye 19 yemiQathango ithe ke ngoko yacinywa.

Ukufakelwa kweSigaba 3A kwiQathango

20. Esi Sigaba silandelayo sithe ke ngoko safakelwa kwiSigaba 3 semiQathango:

"ISIGABA 3A

UKUPHATHWA KWAMAFUTHA ENYUKLIYE APAKISHWEYO, IPLUTONIYA KWAKUNYE NEBAKALA ELIPHEZULU LEEREYIDOEKHTHIVU WEYITSI

Ukwenziwa

19A. (1) Esi Sigaba sibhekisa kuyo nayiphi na inqwelo yamanzi elayishe umthwalo weINF, kwaye sikwabhekisa---

(a) kwinqwelo yamanzi yoMzantsi Afrika naphi na apho inqwelo yamanzi ingaba ikhona; kwaye

(b) nayo nayiphi na inqwelo yamanzi kwiRiphabliki okanye kumanzi angaphantsi kwayo.

Ukuhambelana neKhowudi yeINF

19B. (1) Inqwelo yamanzi nganye kumele ngokweemfuno zeKhowudi yeINF nanjengoko ibhekisa kuloo nqwelo yamanzi kwaye iza kuphononongwa ize ikhutshelwe iSatifiketi sokuFaneleka ngokuhambelana nezo mfuno.

(2) Imithwalo yeINF efunekayo ukuba ilayishwe kwiinqwelo zamanzi zeKlasi INF 3, ayizukuvunyelwa kwiinqwelo zamanzi ezilayisha abantu.

Uxanduva lokuba neSatifiketi sokuFaneleka

19C. (1) Umbhexeshi okanye umphathi akanako ukuvumela umthwalo weINF kwiinqwelo zamanzi ngaphandle kokuba kukhona phaya kulaa nqwelo zamanzi iSatifiketi sokuFaneleka esisebenzayo esiquka loo mthwalo weINF ukuba ulayishwe.

(2) Ngenxa yezizathu zesi Sigaba, iSatifiketi sokuFaneleka asisebenzi xa—

(a) kwimeko yenqwelo zamanzi yoMzantsi Afrika, isatifiketi siphelwe lixesha ngokwemimiselo yomqathango 4A(3) okanye siphelisiwe ngaphantsi komqathango 4B(1); okanye

(b) kwimeko yayo nayiphi na inqwelo zamanzi isatifiketi—

(i) siphelwe ngokwemimiselo yomhlathi 1.3.4 yeKhowudi yeINF; okanye

(ii) okanye siphelisiwe ngaphantsi kweGunyabantu likarhulumente weSizwe nalapho iflegi yaloo nqwelo zamanzi ivumeleke ukuphephezela khona." .

Ukufakelwa komqathango 20 kwiMiqathango

21. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 20 weMiqathango:

"Amandla okuvalela

20. [Inqanawe]inqwelo yamanzi esilelayo ukuthobela le [miqathango]miQathango, oko kuquka nayo nayiphi na imibandela ebekiweyo apho, inako ukubanjwa ngokunyanzeliswa kwesolotya 243 loMthetho."

Ukufakelwa komqathango 21 kwiMiqathango

22. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 21 weMiqathango:

"Izohlwayo kwakunye nokumelwa

21. (1) Umntu onetyala lolwaphulo-mthetho ngaphantsi kwale [miqathango]Miqathango angohlwaywa xa ebanjiwe okanye avalelwe entolongweni iinyanga ezingadlulanga kwezilishumi elinesibini (12).

(2) Iza kuba kukuzithethelela okufanelekileyo kwisigwebo esingaphantsi kweSigaba 2 okanye 3 sale Miqathango ukuba umntu

abonakalise—

- (a) ukuba **[yena]** umntu lowo uthathe amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuthonyelwa kwemiqathango;
- (b) ukuba **[yena]**umntu lowo ebengazi okanye ebengenokwazi okanye ebenezizathu ezivakalayo zokurhana ukuba imithwalo ingaba yimithwalo eyingozi;
- (c) ukuba imithwalo iye yaphathwa kwaye yalayishwa ngokuhambelana nezindululo **[zeKhowudi yeIMDG, nalapho]** zekhowudi efanelekileyo; okanye
- [(d) ukuba lo mntu ubanjiweyo ngumnini okanye umphathi wenqanawe, kwimeko yemithwalo epakishiweyo kwikhonteyina okanye kwinqwelo yemithwalo, ukuba ngaphambili kokuba ikhweliswe kwinqanawe ikhonteyina okanye inqwelo yemithwalo umntu onoxanduva lokupakisha imithwalo kwikhonteyina okanye kwinqwelo yemithwalo uye wanika umnini okanye umphathi wenqanawe isatifiketi sokupakishwa esityikityiweyo nesiqinisekisa ukuba imithwalo ipakishwe ngendlela efanelekileyo kwikhonteyina okanye kwinqwelo yemithwalo;**
- (e) ukuba imithwalo, leyo ke yile mithwalo iqinileyo ekwiziqhu, iye yaphathwa yaze yalayishwa ngokuhambelana neIMSBC;**
- (f) ukuba imithwalo, leyo ke yile mithwalo ilulwelo oluyikhemikhali okanye irhasi eyingozi ekwiziqhu, iye yaphathwa yaze yalayishwa ngokuhambelana neemfuno zeKhowudi yeBCH echaphazelekayo, iKhowudi yeIBC, iKhowudi yokuLayishwa kweRhasi, iKhowudi yokuLayishwa kweRhasi seeNqanawe**

eziKhoyo kwakunye neKhowudi yeIGC;]

([g]d) ukuba imithwalo iye yaphathwa yaze yalayishwa ngokuhambelana nemibandela ebekwe ngaphantsi komqathango 3 okanye 17(2)(b).

(3) Kwiinkqubo zolwaphulo-mthetho ngakumqathango 19B okanye 19C(1) kukuzithethelela okuvakalayo okuthi umtyholwa uthathe amanyathelo avakalayo waze wenza amatiletile afanelekileyo ukuphepha ukwenza ulwaphulo mthetho.

(4) Kwiinkqubo zolwaphulo-mthetho ngakumqathango 5(1B) okanye 5(1E) ngokumayelana nesiganeko kukuzithethelela okuvakalayo ukubonisa ukuba umtyholwa ubengakwazi ukuthobela lo mqathango 5(1B) omayelana nesiganeko.

(5) Kwiinkqubo zolwaphulo-mthetho ngakumqathango 5(1C) ngokumayelana nesiganeko kukuzithethelela okuvakalayo ukubonisa—

(a) ukuba umtyholwa ebengasazi isiganeko;

(b) kwisiganeko apho umqathango 5(1C)(a) ungena khona, umtyholwa akazanga kwaye akarhananga nokurhana ukuba umphathi wenqwelo yamanzi akawuthobelanga umqathango 5(1B) okumayelana nesiganeko; okanye

(c) ukuba umtyholwa ebengakwazi ukuthobela umqathango 5(1B) omayelana nesiganeko.

(6) Naluphi na ulwaphulo lomqathango 19B okanye 19C(1) lulwaphulo-mthetho ngakwicala lomphathi wenqwelo yamanzi kwakunye naye wonke umntu ongumbhexeshi wenqwelo yamanzi, kwaye kumele bohlwaywe xa bebanjiwe ngomdliwo okanye ngokuvalelwa ixesha elingadlulanga

kwiinyanga ezili12.

(7) Naluphi ulwaphulo lomqathango 4B(3) lulwaphulo-mthetho ekumele lohlwaye xa ethe wabanjwa lowo wenze oko kumele anikwe umdliwo okanye avalelwe ixesha elingadlulanga kwiinyanga ezili12.

(8) Naluphi ulwaphulo lomqathango 5(1B) ngumphathi wenqwelo yamanzi lulwaphulo-mthetho ekumele lohlwaywe xa ethe wabanjwa ngomdliwo okanye ngokuvalelwa ixesha elingadlulanga kwiinyanga ezili12.

(9) Naluphi ulwaphulo lomqathango 5(1C) lulwaphulo-mthetho ngakwicala lomntu ngamnye ongumbhexeshi, okanye iarhente yombhexeshi, wenqwelo yamanzi, kwaye kumele ohlwaywe xa ethe wabanjwa ngomdliwo okanye ngokuba avalelwe entolongweni ixesha elingadlulanga kwiinyanga ezili12.

(10) Naluphi ulwaphulo lomqathango 5(1E) okanye 5(1F) lulwaphulo-mthetho ekumele lohlwaye xa ethe wabanjwa lowo wenze oko ngomdliwo okanye avalelwe ixesha elingadlulanga kwiinyanga ezili12.

Ukufakelwa komqathango 22 kwiMiqathango

23. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 22 weMiqathango:

"Ulwaphulo-mthetho ngenxa yetyala ngakomnye umntu

22. Apho ukwenziwa lolwaphulo-mthetho nguye nabani na ngaphantsi kweSigaba 1, 2, 3 okanye 3A kungenxa yesenzo okanye

ngesenzo somnye umntu, loo mntu lowo unetyala lolwaphulo-mthetho kwaye angabekwa ityala kwaye abanjelwe ulwaphulo-mthetho ngokwemimiselo yalo mqathango, nokuba umntu wokuqala okhankanyiweyo uthe watshutshiswa okanye hayi."

Ukufakelwa komqathango 23 kwiMiqathango

24. Lo mqathango ulandelayo uthe ke ngoko wafakelwa kumqathango 23 weMiqathango:

"Ukucinywa kwemiqathango

23. (1) Imiqathango 25 ukuya 37 kwakunye neSihlomelo 2 seMiqathango yoKhuseleko lokuFathula, ka1968, *opapashwe kwiGazethi kaRhulumente* No. R. 651 ngo19 kwekaTshazimpuzi 1968, nanjengoko uhlonyelwe kwiSaziso sikaRhulumente No. R. 2483 ngo15 kweyoMnga 1978, iye yacinywa.

(2) IMiqathango yoHanjiso lweMithwalo (iKhowudi INF), ka2003, opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. R. 719 kwiGazethi kaRhulumente No. 24922 (RG7675) ngo6 kweyeSilimela 2003 ngokwemimiselo yoMthetho wokuHanjiswa kweMithwalo, ka1951 (uMthetho No. 57 of 1951), iye yacinywa."

Isihloko esifutshane kwakunye nokuqalisa

25. Le Miqathango ibizwa ngokuba siSihlomelo seMiqathango yoHanjiso lweMithwalo (imiThwalo eyiNgozi), ka2026, kwaye iza kuqalisa ukusebenza ngomhla wokugqibela wopapasho.